

# FUMANA KWAYE ULUNGISE


Ukuvuza kungayinkcitho eninzi yamanzi, ingakumbi ukuba kuthe akwaqapheleka okanye kwenzeka ngaphantsi komhlaba kwaye kwaqhuba ixesha elide. Ukuvuza kwipropati yakho luxanduva lwakho olo. Ke ngoko nasi isikhokelo sokuqaphela nokulungisa ukuvuza oko ngokukhawulezileyo kwaye nokulondoloza amanzi nemali yakho.

## INDLELA YOKUPHONONONGA UKUVUZA KWIPROPATI YAKHO



### NQAMLA KONKE UKUSEBENZA KWAMANZI.

Vala zonke iitephu kwipropati kwaye ungagungxuli (ungaflashi) kwizindlu zangasese.



### PHONONONGA KWAYE UBHALE PHANTSI OKUKWIMITHA YAKHO YAMANZI.



### LINDA IMIZUZU ELI-15 EMVA KOKO UBHALE PHANTSI KWAKHONA.

Qinisekisa ukuba akukho namnye umntu othe wavula iitephu okanye wafasha ilindle ekubeni uye waphonononga okokuqala imitha yamanzi.



### UKUBA KUKHO UMAHLUKO KUMANANI KUFUNDO LWAKHO LEMITHA, OKU KUTHETHA UKUBA KUFUNeka ULUNGISE UKUVUZA KWAMANZI

Ukuba amanani akho kwimitha aye anda, oko kuthetha ukuba amanzi akho ayavuzwa kwaye kufuneka uthabathe inyathelo loko, ngokungqinelana noMthetho kaMasipala weSixeko.



### FOWUNELA UMTYWINI-KUVUZA UKUZE AKUNCEDE UKULUNGISA UKUVUZA OKO.


Ngaphandle kokuba ngumsebenzi olula lowo ongawenza ngokunokwakho.

## IINDLELA EZI-3 ZOKUVAVANYA UKUVUZA KWIGUMBI LANGASESE


Igumbi langasese elinye elivuzayo lichitha amanzi amalunga neelitha ezingama-2 600 ne-13 000 ngenyanga, ngokuxhomekeke kwisantya sokuvuza oko. Itephu evuzayo ichitha amanzi amalunga neelitha ezingama-400 nama-2 600 ngenyanga.



Mamela ukuthontsiza kwamanzi kwisitya esikwigumbi langasese.



Cinezela/beka isiqwengana sephepha lokosula ilindle ngaphakathi kwicala elingemva lesitya eso. Ukuba liye lamanzi, oko kuthetha ukuba amanzi ayavuzwa.



Galela amathontsi ali-15 lechiza elithi litshintshe umbala wokudla kwitanki lamanzi elikwigumbi langasese. Ukuba emva kwemizuzu eli-15 amanzi akwitanki lamanzi legumbi langasese athi atshintshe umbala, oko kuthetha ukuba kukho ukuvuza.

Ukuba awunakho ukufowunela umtywini ukuba alungise umonakalo kwigumbi langasese, sebenzisa iitephu encinane esemazantsi kwitanki lamanzi elikwigumbi langasese ukuze uyigcine uyivalile emva kokuba uye wagungxula.

### ULUHLU LABATYWINI KUVUZA ABABHALISIWEYOEKAPA - ndwendwela kwa:

[www.capetown.gov.za/thinkwater](http://www.capetown.gov.za/thinkwater)

Qaphela ukuba iSixeko asinaxanduva lawo nawuphina umsebenzi othe wenziwa nguye nawuphina umtywini-kuvuza.

### ISIKHOKELO SOMSEBENZI ONOKUWENZA NGOKWAKHO (I-DIY) EKULUNGISWENI KOKUVUZA - ndwendwela kwa:

[www.capetown.gov.za/thinkwater](http://www.capetown.gov.za/thinkwater)

Nikezela ingxelo ngokumalunga nenkcitho yamanzi - fowunela kwa-0860 103 089 okanye u-SMS kwa-31373 (umlinganiselo wamagama ali-160). Kuyakuthi kuhlululwile iintlawulo ezifanelekileyo. Okanye u-imeyilele kwa [water@capetown.gov.za](mailto:water@capetown.gov.za) kunye nefoto enomhla nexesha, kwafakelwa isitampu njengobungqina.

### NIKEZELA INGXELO NGOKUMALUNGA NEMIBHOBO EGOQBHUKILEYO EKWIZITALATO NAKUMABALA OLUNTU

SMSela kwa-31373, unikezele ngendawo leyo neenombolo zomnxeba zoqhagamselelwano ezingumlinganiselo wamagama ali-160, kwaye uthumele ifoto enomhla nexesha kufakwe isitampu njengobungqina. Nceda uqaphele ukuba amagosa eSixeko kufuneka acwangcise kuqala ukusabela kolona gqabhuko nokuvuza okukhulu

**CINGA NGAMANZI**  
NAKEKELA OKUNCINANE. YONGA KAKHULU.



CITY OF CAPE TOWN  
ISIXEKO SASEKAPA  
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.